


Nanku uMongi nenja yakhe uBathathe. Baya kwifama katata uNgobe ongumhlobo kaMalume. Banemincili!

Lusuku oluzolileyo lokutyelela efama. Bafika bangena kwisango elalivuliwe ngasemva.






Utata uNgobe wayemi ngaphandle kwendlu yokugcina umbona.

“Molweni, namkelekile!” wabulisa utata uNgobe.

“Mhlobo wam Bathathe, jonga eli poni lilulamile.”





“Jonga Bathathe ihagu yonwabile idlala eludakeni.”

UBathathe ubona ikati eludongeni ayileqe.

“Hayi, Bathathe!” Wanqanda uMongi ezama ukubamba uBathathe.

Bobabini bawela eludakeni.





“Yhoo, udaka olungaka!

Yiza sihlambe Bathathe.”

Kumnandi efama!